higher education & training

Department:
Higher Education and Training
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

MARKING GUIDELINE

NATIONAL CERTIFICATE (VOCATIONAL)

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA ELONGEZELELWEYO

(Iphepha lokuqala)

NQF LEVEL 4

7 November 2024

Esi sikhokhelo sokumakisha sinamaphepha ayi-9.

ICANDELO A: UKUFUNDELA INTSINGISELO NOKUQONDA

UMBUZO 1

1.1 NguMphathiswa wamaShishini kaRhulumente. (1)

1.2 Yingxaki yokuqhawuka nokucima kombane. (2)

1.3 Lubaluleke kakhulu nangakumbi. /Lelona lubalulekileyo./ Lubaluleke nangaphezulu kunamanye.
(Nayiphi echanekileyo kwezi.) (2)

1.4 Licandelo lokuphehlwa kombane.Elokuthunyelwa kombane kwizikhululo./Nelokunikezelwa kombane eluntwini nakwilizwe liphela. (3)

1.5 Isekwe ngeenjongo zokuqinisekisa ukuba akusayi kubakho zingxaki zokucinywa kombane kweli lizwe./ Iza kusebenza ngemiba ka-Eskom./Iza kunikezela ingxelo yemihla ngemihla kuMongameli./Bazakudibana nabo badlala indima ukubuyisela uzinzo ku-Eskom./Bazakuqulunqa umkhpmba ndlela ku-Eskom./Bazakuqinisekisa iindleko ezincinci kubathengi nakubahlawuli berhafu.
(Naziphi ezintathu kwezi.) (3)

1.6 Abadlalindima✓ – Ukudlala + Indima✓

Umkhombandlela✓ – Ukukhomba + indlela✓ (4)

1.7 Izinga lokukhula koqoqosho luza kwehla.
Amakhaya amaninzi azakuba phambi koxinzelelo.
Amaxabiso aza kwenyuka.
Uqokelelo lwerhafu luza kushokoxeka.
(Naziphi ezintathu kwezi.) (3)

1.8 Uqoqosho lwerhafu luza kuba nzima, isenokungahlawulwa okanye ihlawulwe nzima okanye kakubi.
(Nayiphi impendulo echanekileyo yamkelekile.) (2)

1.9 C/ Kukulumkisa urhulumente. (1)

1.10 Ngo 2021 uqoqosho lukhule nge 4.9 yepesenti.
Ngo2022 beluyi 1.4 yepesenti. (2)

1.11 Urhulumente uza kuseka imithetho ezinzileyo aze athabathe namanyathelo okulwa nemingeni kuqoqosho lweli. (2)

1.12 Ingxaki - kukuba phantsi kakhulu kwezinga loqoqosho./ Ubuhlempu./ Ukunqaba kwemisebenzi.

Isisombululo - kukuqinisekisa ukuba kukho imigaqo ecacileyo yokuzinzisa ezoqoqosho. / Ukudala amathuba emisenzi / ukuzisa uphuhliso ebantwini.
(Nayiphi echanekileyo kwezi.) (2)

1.13 Awunakho kuba akukho sisombululo sikhawulezayo kucimi-cimi wombane ophenjelelwe ngabarhwaphilizi. / Awunakho kuba urhulumente ophetheyo akabaniki thuba lokuba basebenzise izakhono zabo njengolutsha.

Okanye

Unganakho xa ulutsha lunganikwa ithuba lokuba basebenzise izakhono abanazo kwezobunjineli nobuchwepheshe bale mihla.
(Nayiphi impendulo echanekileyo yamkelekile.) (2)

1.14 “URamaphosa uvumile ukuba lo cimicimi uye usiba mandundu kwaye kuyabonakala ukuba akukho siphelo kule ngxaki”. (2)

1.15 Sicacisa isibizo. (2)

1.16 Ingxaki iya isanda ngokwanda ayisombululeki. (2)

1.17 Urhulumente uzama ngako konke anakho ukuzisa uzinzo kuqoqosho lweli lizwe, ukudala amathuba emisebenzi, ukuphelisa indlala, nokuphungula umonakalo odalwa ngucimicimi wombane kwimpilo yoluntu. (2)

1.18 Unakho ukuba ulutsha nalo lungazimisela ekuthatheni uxanduva ukuzama ukusombulula le ngxaki ijongene nelizwe liphela.

Okanye

Alunakho kuba zizithembiso njee ezenziwa ngurhulumente kuba efuna ukuvotelwa kudala wathembisa. (2)

1.19 Ndingongeza amanye amaziko kuba kuyacaca la akhoyo sele emadala./Ndingaqesha abaphathimandla abatsha kuba aba bakhoyo bankono lurhwaphilizo. (2)

1.20 Ucimi-cimi wombane/ intswelo-misebenzi/ indlala/amazinga akhulayo eendleko zokuthenga izinto zokuziphilisa/ ulwaphulo-mthetho./Urhwaphilizo.
(Nasiphi isibini kwezi.) (2)

1.21 Sisebenze njengesivumelanisi senjongosenzi/ Sisivumelanisi senjongosenzi. (2)

1.22 Abemi boMzantsi Afrika mabahlale bekulungiselele ukucima kombane kuba asikabikho isisombululo sale ngxaki nangona urhulumente ezama ngandlelazonke ukuzisa uzinzo kwezoqoqosho.
(Nayiphi impendulo echanekileyo yamkelekile.) (3)

1.23 Sinakho
Wonke umntu unenxaxheba amakayidlale ukwenza umahluko ngoko sonke masizilungiselele kulo cimicimi wombane songe umbane kangangoko sinakho.
Okanye
Asinakho
Kuba yintetho njee, abona bantu bangunobangela ngaba barhwaphilizi baseburhulumenteni. (2)
[50]

AMANQAKU ECANDELO A: 50

ICANDELO B

ISISHWANKATHELO

ISICATSHULWA B

	IINGONGOMA EZICATSHULWEYO		IINGONGOMA OZIBEKE NGAMAGAMA AKHO
1	Ucimicimi wombane uthande ukuba yinxalenye yobomi bemihla ngemihla kweli lizwe lethu Ukuhlala uzilungiselele ngalo lonke ixesha kunganciphisa iziphumo ezibi zalo cimicimi kuwe wena siqu, kwikhaya lakho nakwindawo ophangela kuyo.	1	Ukucima kombane yonke imihla kuyingxaki enkulu kuluntu lonke eMzantsi Afrika ✓
2	Ukucutha ukusetyenziswa kombane kunganceda ekunciphiseni lo danya cimi wombane. Ukuhanjiswa kwamanzi kuba ukumpontshwa kwamanzi kuxhomekeke kumbane, kwanokugutyulwa kwelindle kuxhomekeke embaneni.	2	Lo danya cimi uchaphazela iimfuno zoluntu ngoko masizame ukucutha ukusetyenziswa kombane ukunceda ekuhliseni izinga lokucima kombane. ✓
3	Sisonke kule ngxaki ngoko ke masenze ngako konke esinakho ukwenza le meko ibe yenyamezelekayo neyamkelekayo kuluntu luphela. Wonke umntu unenxaxheba amakayidlale ukwenza umahluko. Masizilungiselele kulo cimicimi wombane songe umbane kangangoko sinakho senzele uluntu loMzantsi Afrika.	3	Masithathe uxanduva ukulwa ukuphela kombane. ✓

4	Wazi amaxesha alungiselelwe ukumka kombane kwingingqi yakho ukuze ucwangcise kakuhle izinto onokuzenza.	4	Ngalo lonke ixesha hlala ukulungiselele ukucima kombane ujonge ischedyuli yokuqhawuka kombane ngokwengingqi yakho. ✓
5	Hlala unayo imali esesandleni uyigcine kwindawo ekhuselekileyo. Oomatshini bokukhupha imali ababizwa i-*'ATM's* kunye nabo bokubhatala basenokungasebenzi ngexesha lokumka kombane.	5	Hlala uzigcinele imali kwindawo ekhuselekileyo kwalapha endlwini ukulungiselela amaxesha kaxakeka afana nokucima *kwe-ATMs*. ✓
6	Yiba nesicwangciso sendlela yakho yokupheka ujonge kwisicwangciso sokucima kombane kwingingqi yakho, uze uqinisekise ukuba iibhetri ze-alarm, CCTV nekhamera yomzi wakho ziyasebenza. Ukuzikhusela koonqevu abajonge amathuba okuqhekezea izindlu ngexesha lobumnyama.	6	Qinisekisa ukuba unazo izibane ezisebenza ngebatttery ezitshajwayo ukuze kube lula ukuzisebenzisa xa umbane umkile. ✓
7	Khumbula ukusoloko uhleli ukhuselekile ngalo lonke ixesha lokucinywa kombane ingakumbi xa usebenzisa amakhandlela nezinye izinto zokulayita.	7	Hlala ukhuselekile ngalo lonke ixesha lokucinywa kombane. ✓

AMANQAKU ECANDELO B: 20

ICANDELO C: OKUBONWAYO

UMBUZO 3: ISIBHENGEZO NTENGISO

ISICATSHULWA C

3.1 NguNandos.✓ kuba sibona ilogo.✓ (2)

3.2 Abhekisa ku-Eskom.✓ kuba kuvakala ngathi lo mdidiyeli wale ntengiso uyakhalaza okanye uyacaphuka kuba okwangoku elona shishini likhalazelwayo ngu-Eskom kuba kuthiwa 'eish' nto leyo ebonisa ukucaphuka.✓✓ (3)

3.3 Kuye wonke ubani othanda inyama yenkuku ebabayo. (1)

3.4 C / esinokwenzeka / C esinokwenzeka (1)

3.5 Ewe luyithengisa ngokuthimbayo kuba kuvezwe imveliso kunye namagama ajija ingqondo athi nawe unganakho ukonwabela ubusuku.
OKANYE
Hayi, aluyithengisi ngokuthimbayo kuba ayichazwanga ukuba ifumaneka ngamalini/ixabiso alipapashwanga.
(Nayiphi impendulo echanekileyo iyakwamkeleka.) (2)

3.6 Xa ubona isauce ikwenza urhalele ukuyingcamla kwaye ikunika ithemba lokuba nokuba umbane ucimile uyakwazi ukuyingcamla phantsi kwekhandlela elilayitiweyo ehambelana nobusuku besidlo sabathandanayo *esiromantic*. (2)

3.7 Kuba ayichazwanga ukuba ifumaneka ngamalini.
Ixabiso alipapashwanga /
Awabonakaliswanga amaqatha enkuku avuzisa izinkcwe njengeminye imizimveliso ethengisa inkuku. (2)

3.8 Bahlala bevulile nokuba sele kukho *i'loadshedding'*.
Nabani na angonwabela ubusuku bakhe ngesauce. (2)
[15]

UMBUZO 4: UKUCAZULULA IKHATHUNI

ISICATSHULWA D

4.1 Umlomo wakhe uvulwe kakhulu.
Uphakamisa isandla.
Ushukumisa inqindi.
Uzivalile izandla zenza inqindi.
(Nasiphi isibini kwezi) (2)

4.2 Umfanekiso okwisakhelo 2 ubonisa ukukhathazeka kakhulu,kuba umlomo uwuvule kakhulu, ulahla izandla./ Izandla zivuleke kakhulu kubonakala imigca. (2)

4.3 Kukho ifriji./ Kukho itafile enokutya okuninzi.
(Nayiphi kwezi) (1)

4.4 Iindudumo zibethe iplugs zonakalisa umbane. (1)

4.5 Isakhelo 1 ligumbi lokuhlala kuba kubonakala isofa.✓
Isakhelo 2 no 3 likhitshi kuba kukho ifriji nokutya okuninzi phezu kwetafile.✓ (2)

4.6 Inja ilele phantsi ngeenyawo zangaphambili izisongile oko kubonisa ukuba iphumle.

Okanye

Amehlo enja avalekile ngathi ilele nto leyo ebonisa ukuba yonelisekile iyavuya. (1)

4.7 B / Ukuvuya✓/ B Ukuvuya✓✓ (1)

4.8 Sibe sesilungileyo ukuba uDaki ukutya konke ukutya ngexesha elinye akuzokulahlwa nenja yakhe izotsho ifumane ukutya okuninzi. (1)

4.9 Licebo lokuba ukutya makukhutshwe konke efrijini ukuze kusetyenziswe okanye kutyiwe konke kungekamoshakali ngoko ke uya kuzikhethela oko akufunayo. (2)

4.10 Masihlale sizilungiselele ngalo lonke ixesha kulo danya cimi welizwe lethu sibe nobuchule bokonga imali yethu singathengi njee izinto eziza kujika zimoshakale kuba siyayazi asikabikho isisombululo sokwahlukana nalo cimicimi wombane.
(Nayiphi impendulo echanekileyo yamkelekile.) (2)
[15]

UMBUZO 5: IPROZI

ISICATSHULWA E

5.1 Ingoma kaSiya Kolisi iza kuvakala nangaphezulu kwaloo ntswahla iza kwenziwa ngabadlali. (2)

5.2 Landulelwa sisalathandawo./ Lilandela emva kwesimelabizo sokwalatha. (2)

5.3 Ingxolo. (1)

5.4 Ngumfanekiso ngqondweni weliso./ wokubona. (2)

5.5 Unondaba. (1)

5.6 Lonke✓ - Isimelabizo soquko✓
Thina✓ - Isimelabizo soqobo✓ (4)

5.7 Sisaci✓- Sinika intsingiselo yabantu abangavaniyo. ✓✓ (3)

5.8 A✓✓ / Sisilabalabi✓✓ / A sisilabalabi✓✓ (2)

5.9 uchulumanco✓ / nolonwabo✓ (2)

5.10 Licacisa isenzi ukucula.✓✓ / Lisebenze njengesihlomelo sobunjani.✓✓ (2)

5.11 Ngokucaphukela. (2)

5.12 neziphathamandla✓ - Ukuphatha✓+ amandla✓ (3)

5.13 'ukuqondana' (2)

5.14 Ingoma kaSiya Kolisi yavakala nangaphezulu kwaloo ntswahla yayisenziwa. (2)

5.15 **N**gokwenene✓ unaso isip**h**iwo✓ sobunkok**h**eli✓ nesokuwazi lo✓
mdlalo womb**h**ox**o.**✓ (4)

5.16 Zakhe✓ / zabo✓
Zicacisa ukuba sesikabani isichazwa. (2)

5.17 **"**Njengomntwana omnyama okhulele kwilokishi yaseZwide eGqeberha a**ndi**zange **ndi**yiphuphe nokuyiphupha into yokuba **ndi**ngangukhaphteni weqela lesizwe lebhola yombhoxo**"**, utshilo uSiya Kolisi. (2)

5.18

Igatya eliyintloko	**Igatya elayamileyo**
Ushiyeke yedwa kwelo bala. ✓	Esankonye lo mbizana incinane yegolide. ✓

(2)
[40]

UMBUZO 6: IPROZI

6.1 (a) … ukhathazekile.✓✓

(b) … ngundabamlonyeni.✓✓ (4)

6.2 Umtshabalalisi✓ - isibizo sehlelo 1.✓ (2)

6.3 Bachulumancile. / Bonwabile. / Bayavuya.
(Nayiphi na kwezi.) (2)

6.4 Abantu abangama-333 bashiyeke bengenandawo yokufihla iintloko ukanti intlungu yaba bahlali ayiphelelanga apho kuba amazinki wamatyotyombe abo ebiwe ngabanye abahlali. (3)

6.5 Nkszn. (2)

6.6 *Amazinki* – sisebenze njengentloko yesivakalisi.

Abahlali – njengenjongosenzi yesivakalisi. (2)

6.7 Sisihlanganisi/ kukuhlanganisa izivakalisi. (2)

6.8 Kobugoxo./ kothuthu. (1)

6.9 Umshumayeli./ ushumayela iindaba ezilungileyo.✓✓
Abashumayeli./ bashumayela iindaba ezilungileyo.✓✓
Intshumayelo kaMfundisi uFaleni iyandiphilisa.✓✓
Iintshumayelo.zamanye amabandla azakhi.
(Nasiphi isithathu esichanekileyo) (6)

6.10 D.✓ / D Siphawuli.✓ / Siphawuli.✓ (1)

6.11 Sandulela isibizo.✓✓ / Sime phambi kwesibizo.✓✓ (2)

6.12 Wona✓ – isimelabizo soqobo.✓/ Sona✓ – isimelabizo soqobo.✓
(Nayiphi kwezi) (2)

6.13 Sisakhi silanduli u-nga.✓✓ / sisakhi sesilanduli.✓✓ (2)

6.14 Silayitiwe. (1)

6.15 sithathe uxanduva – sibe nendima esiyidlalayo nathi ekuzeni nesisombululo.✓✓ / singatyholi rhulumente ngokwenzekayo nathi sibe negalelo ngoko masize nezisombulullo zokuphuma kule ngxaki sijongene nayo.✓✓ (2)

6.16 Bakwazile – yimo evumayo. (2)

6.17 kokukhutshwa✓ isixando sokwenziwa✓ / lokucinywa✓/isixando sokwenziwa✓ (2)

6.18 USawutana **uthe**. **u**nomsindo yiyo yonke **lo** nto. (2)
[40]

AMANQAKU ECANDELO: D 80
AMANQAKU EWONKE: 180